



SIYAKHULA WE ARE GROWING



XHOSA



INCWADI ETHUNYELWA AMALUNGU

OKTOBHA 2017

MINWORKERS PROVIDENT FUND

UMYALEZO OVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO

IZIQULATHO

PAGE

- | | |
|----|--|
| 01 | UMYALEZO OVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO |
| 02 | UKUKHULA OKUHLE KOTYALO-MALI
LWAMALUNGU |
| 02 | UBULUNGU BOBOMI - ICANDELO 14
UTSHINTSHELO |
| 02 | INGXOWA-MALI EVUZWA NGOKUBALASELA |
| 02 | IBHASO LE CFI.CO |
| 03 | IZIPHUMO ZOPHANDO LONXIBELElwano
NAMALUNGU |
| 03 | ABAPHUMELEYO KUKHUPHISWANO
LOVAVANYO LWAMALUNGU |
| 04 | UKUVULWA KWEFISI YASEMOZAMBIQUE |
| 04 | IMIBONISO YENDLELA |

Kunzima ukukholelwa ukuba u-2017 uphelile. Kubonakala ngathi lolunye usuku xa sasisenza iziqqibo zonyaka omtsha kwaye sicwangcisa indlela yokuzifezekisa. Ndiyathemba ukuba uye wafezekisa yonke into obuzimisele ukuyenza nangaphezulu kulonyaka. Ukuba akunjalo, khumbula awukashiywa lixesha lokufezelekisa isicwangciso sakho. Amaphupha akho ayinyaniso kwaye akufanelekanga ukuba aphelele kunyaka kodwa sebenzela kuwo de kufezekiswe isiphumo sokuggibela, akukhathaliseki ukuba kuthatha ixesha elingakanani. Kwi Mineworkers Provident Fund (MWPF) silapha ukuqinisekisa ukuba ubuncinane bamaphupha akho, njengokushiya ilifa elihlala ixesha elide ayaphunyezwe.

Sineqhayiya kakhulu ngokwazisa ukuba ibingunyaka wempumelelo kakhulu kuthi. Sifumene amabhaso amaninzi kwaye savula iofisi entsha eMozambique Okuninzi malunga nala maphepha 2 kunye no-4.

Uthathe ixesha usinika ingxelo ngovavanyo lwethu lonxibelewano lwamalungu. Ukuze ufunde ngaphezulu ngeziphumo nokuba ngoobani abantu abaphumeleyo abanethamsanqa yiya kwiphepha lesi-3. Kwabaphumeleyo umntu ngamnye uzaku fumana ivawutsha yase Pick n Pay eyi-R1,000 Ndivuyisana nawe kwaye ndikubulela ngokuthatha ixesha lokugqiba uvavanyo.

Ingaba ubusazi ukuba ungaba lilungu le-MWPF ubomi bonke? Yiya kwiphepha lesi-2 ukufumanisa nangakumbi. Kwphepha lesi-4 ungabona indlela ebexsakeke ngayo, ukuqhuba imiboniso yendlela eNortham nase Lesotho. Konwabele ukufunda lencwadi ethunyelwa amalungu. Sithemba ukuba uzayifumana iyengqiqo. Sijonge phambili ku-2018 omangalisayo. Thina kwi-MWPF sikunkwenelela ixesha lombhiyozo elikhuselekileyo nelisikelelwoyo.

Kude kube lixesha elizayo.
Philda Mphephu



UKUKHULA OKUHLE KOTYALO-MALI LWAMALUNGU

Ungabanenzolo xa usazi ukuba utyalo-mali lwakho lusezandleni ezifanelekileyo Siyakuvuyela ukunika ingxelo yokuba imbuyekezo yeNgxowa-mali yoTyalo-mali iyaqhubea nokusebenza ngamandla. Ngembuyekezo yonyaka ye-8.75% ngomhlala wama-30 kuSeptemba 2017 kunye nexabiso leNgxowa-mali ye-R29.8 yezigidigidi.

UBULUNGU BOBOMI - ICANDELO 14 UTSHINTSHELO

UBUSAZI UKUBA?

Emva kokuba ujoyine I-Mineworkers Provident Fund ubulungu bakho bubobo bomi bonke .

Nokuba unyuselwe kumgangatho ophezulu womsebenzi phakathi kushishino lwezemigodi, usenokuhlala ulilungu leNgxowa-mali.

Akukho mfuneko yokutshintshela kwenye iNgxowa-mali.

Uzakubanenzolo xa usazi ukuba iinzuzo zakho zizakusoloko zikhuselekile kwaye abaxhamlayo bazakunakekelwa

INGXOWA-MALI EVUZWA NGOKUGQWESA

Ingxowa-mali ineqhayiya lokwazisa ukuba siye savuzwa ngokugqwesa kunxibelelwano lwamalungu.

Siye saqtshelwa kwiindidi ezimbini ezalhukileyo zeeNgxowa-mali Ezinkulu kwaye safumana amabhaso:

- Esicwangciso soNxibelelwano ISatifikethi sokuZiphathe kakuhle**
(Oku kunikeyelwa kwiNgxowa-mali ezenze amanqaku ayi-75% okanye ngaphezulu ngongenelelo lwabo)
- Ukuziphathe kuTyalo-mali: Ukuziphathe kakuhle kakhulu kuDidi IweMbasa**

Ekwenzeni njalo, saqokelela imbaso ephambili esuka kwezinye iingxowa-mali ezinkulu kwilizwe ngokuziphatha kuTyalo-mali.

Amabhaso ayenikezelwa kwiNgqungquthela ye-IRFA eyayibanjelwe eDurban ngoMvulo womhla we-11 kuSeptemba 2017. I-IRFA liqumrhu elingelilo elopolitiko elimele nelikhuthaza iminqweno yoshishino lwengxowa-mali yomhlala-phantsi e-SA, ukwenzela inzuzo yamalungu ekuggibeleni.

Amabhaso afunyanwa ngu **Philda Mphephu** (Igosa Eliyitloko) kunye no **Mkuseli Mbomvu** (Igosa Eliphethayo).

IBHASO LE CFI.CO

Kunyaka ngamnye, i-CFI.co ikhangela abantu kunye nemibutho ebinegalelo kakuhlu ekuguqulweni koqoqosho nabongeze ixabiso ngokwenene kubo bonke abachaphazelekayo. Ukunika ingxelo ngeyona misebenzi yoxanduva lokuguqulwa koqoqosho, i-CFI.co iyaqaphela ukuba ukuziphatha kakuhle kufuneka ukuba kufunyanwe kwihiabathi lonke kwaye iiNkqubo zamaBhaso zijolise ekuqapheleni kunye nokuvuzwa kokugqwesa apho kufumaneka khona ngethemba lokukhuthaza abanye abantu ukuba baphucule ukusebenza kwabo.

Kutsha nje isigqeba sabagqwebi bakwa CFI.co sancoma i-MWPF ngokuzinikezela kwayo ekusebenzeni ngokugqwsileyo nasekubambeleleni kweyona migangatho iphezulu yokulawula kwaye iNgxowa-mali yafumana eyona Mbasa intle kakuhlu **yoMzantsi Afrika Yokubaselubala kweNgxowa-mali yoMhlalaphantsi ka-2017**.



UPhilda Mphephu (ekhohlo ngasentla) ufumana ibhaso.
UMkuseli Mbomvu (kumbindi ongezantsi) ufumana imbaso.



AS WORLD ECONOMIES CONVERGE



IZIPHUMO ZOPHANDO LONXIBELELWANO NAMALUNGU

Ndiyabulela kuwo onke amalungu athe athatha ixesha lokuthatha inxaxheba kwaye agqibe uphononongo lophando lualise uphando lweNgxowa-mali. Ngezi ziphumo, unxibelewano luya kongezwa kwaye lphuculwe ukunceda wena ngokubhetele.

OKU KOKUFANELE UKUBA UKUTHETHE:

- I-67% yamalungu ayinakho ukufikelela kwi-intanethi nokuba kusekhaya, e-ofisi okanye kwiifowuni zeeselula zabo. I-68% yonke yenze ingxelo yokungabinakho ukufikelela kwi-intanethi nokuba kusekhaya, e-ofisi okanye kwiifowuni zeeselula zabo.
- I-35% yamalungu ibonise ukuba inokuqonda okuncinane ngexabiso leenzozo zabo zomhlaphantsi. I-44% Ikwakhankanye ukuba ayinako ukuqonda ngoTyalo-mali lweNgxowa-mali.
- Ngaphezulu kwesiqingatha sabaphenduli (61%) sivakalelwa kukuba iNgxowa-mali ithumela unxibelewano olwaneleyo.
- I-59% ingathanda ukuya kwiintlanganiso apfo kucacisa khona ngeenzozo zengxowa-mali. Amalungu avakalelwa ukuba okuninzi kungenziwa kwaye acebise ngeencwadi ezithunyelwa amalungu zarhoqo (eziguqulelw kwiilwimi ezahlukeneyo), iintlanganiso zeengxowa-mali ezicwangcisiweyo izibonakaliso kune nonxibelewano lwe-sms oluvela kwiNgxowa-mali.
- Izitetimenti zenzozo (100%) kune neencwadi ezithunyelwa amalungu (78%) zezona ndlela zibalulekile yo kakhlulu zonxibelewano kumalungu. Indawo yonxibelewano lwefowuni kune neofisi yangaphambili zikumlinganiselo wesi-3 kuluhlu lweendlela ezibalulekileyo zonxibelewano nge-77% kwaye oku kuhambelana kakuhle nenyanso yokuba uninzi lwamalungu (55%) akhetha ukuqhagamshelana nendawo yonxibelewano lwefowuni yeNgxowa-mali Yesibonelelo xa befuna ulwazi okanye uncedo.
- Ukusebenzisa iWebhusayithi yeNgxowa-mali kuphantsi nge-86% yabaphenduli ababonise ukuba azange batyelele iWebhusayithi yeNgxowa-mali.
- I-68% yamalungu ivakalelwa kukuba izinto zokunxibelelana ezifunyenwe kwiNgxowa-mali kulula ukuziqonda.
- I-68% yamalungu ayakuqinisekisa ukuba ayayifumana incwadi ethunyelwa kumalungu ngelixa i-32% yenze ingxelo yokuba ayiyifumananga incwadi ethunyelwa kumalungu.
- I-80% yabaphenduli ivakalelwa kukuba I-Mineworkers Provident Fund inikezela ngenkonzo "Eggibeleleyo" kune neNtle.

OKU SESIZAKUKWENZA UKUPHUCULA UNXIBELELWANO KUWE:

Iziphumo zibonisa ngokucacileyo iimfuneko yonxibelewano lolwazi lwarhoqo kumalungu. Ukwazisa okungaphezulu kune nemfundo yelungu, enxulumene neenzozo zeNgxowa-mali kune nokucwangcisa komhlaphantsi, kuyafuneka.

- Intlanganiso kune nemiboniso yendlela zizakuqhubeka kwaye zicwangciswe rhoqo, njengoko iNgxowa-mali iyiqonda indlela yokubaluleka kokunxibelelana ubuso nobuso kuwe.
- Siye sakwazi ukuthatha iifowuni zeselula ezininzi ngexesha lenqubo yophando kwaye siza kuzama ukuqala umyalezo othe ngqo kwifowuni yesulula yakho.
- Siza kuqhubeaka nokuhambisa iiNcwadi ezithunyelwa amalungu eziqhelekileyo ezinolwazi olubalulekileyo lweengxowa-mali kwaye siqinisekisa ukuba ezi ziguqulelw ngolwimi olukhethileyo. Siza kujonga kwiindlela zokuhambisa ukuphucula ukuhanjisa okuchanekileyo.
- liposta eziguqulelw kwiilwimi ezahlukeneyo ziza kuboniswa kuzo zonke ii-ofisi ze-HR kune neesharti zemigodi kwaye ziza kuchaza zonke iinzozo kune nayiphi na eminye imiba ebalulekileyo.
- Emva kweezitetimenti zeeNzozo indlela yonxibelewano ekhethiwego elandelayo yincwadi ethunyelwa kumalungu elandelwa yindawo yonxibelewano lwefowuni / iofisi yangaphambili ye-Provident Fund. Siza kuqinisekisa ukuba abasebenzi bethu bendawo yokunxibelelana ngefowuni baqeleshwe kakuhle ukuhlala bencedisa ngemibuzo yakho.
- Uninzi lwamalungu alinakho ukufikelela kwi-intanethi nakwimiyalezo ye-imeyili kwaye ngoko lendlela ayiyi kusetyenziswa okwangoku.
- Ngoko ke siza kugqalisela ekusebenziseni zonke iindlela zokunxibelelana ezingezinye njengoko kuchazwe ngasentla.

ABAPHUMELELEYO KUKHUPHISWANO LOVAVANYO LWAMALUNGU

Ndiyabulela kuwo onke amalungu athe athatha inxaxheba kuphononongo lweethu lokunxibelelana namalungu. Amagama abantu abathathu abaphumeleleyo abakhethwe kutsalo lweethamsanqa. Ngamnye kubo uphumelela i-R1 000 esisipho sevawutsha yakwa-Pick and Pay. **Sivuyisana no:**

Bethuel Bera - (Harmony Gold)

Nelson Mulati - (Sibanye Gold)

Frank Khoza - (Sibanye Gold)

Siyathemba ukuba uzakonwabela ukuzonwabiswa kokuthenga kwakho!

UKUVULWA KWEFISI YASEMOZAMBIQUE

Ukunyuka kwebango lenkonzo entle kunye nokuqhagamshelana ngqo nave, namalungu ethu, kwakhokelela ukuba iNgxowa-mali ivule isebe eMozambique ekuqaleni kwalonyaka. Ukuvula isebe ngaphandle kwemida yaseMzantsi Afrika kokokuqala kwingxowamali esebezena kolu shishino. Sineqhayiya ngokuba kwisimo sokunika abahlolo/abahlolokazi, amalungu osapho kunye nabaxhamli bamalungu e-MWPF aswelekleleyo ngenkonzo yobuso ngobuso. Oku kuya kunceda ukujongana noninzi lweenzozo ezingabangwanga. Sisoloko sinombono weendlela ezintsha zokuphucula inkonzo yethu ukwenzela ukuphucula amava akho kunye nathi nokwenza amabango akho angasokolisi kangangoko kunokwenzeka



IMIBONISO YENDLELA

IMIBONISO YENDLELA YABANTU ABANGAMALUNGU

Njengoko kunokubonwa kuphando kukho imfuneko enkulu yokuqhagamshelana ubuso ngobuso. Ngoko ke iNgxowa-mali iguqule ingqwalesela ngexesha lika-2017, ukuya kwiiseshoni zoqhagamshelwano. Ingxowa-mali iqalishe ngemiboso yendlela yesizwe, ukufikelela kungekhona kuhela kumalungu kodwa nakuluntu aphi amalungu ahlala khona. Ngale ndlela iNgxowa-mali iqinisekisa ukuba abaxhamli kunye nabaxhomekeki nabo bayawkazi ukufunda ngezimali kwaye banako ukushukumela phezulu kwisehlo sokusweleka kwelungu okanye xa likhubazekile. Ngelikesha lemiboniso yendlela yabantu abangamalungu ugxininiso lubekwa kwimfundu yelungu kunye nomxhamli. Imiboniso yendlela yabantu abangamalungu ikwanikezela ngethuba lokuzisa iNgxowa-mali kufuphi nave. Ukubonakala kuyadalwa kwaye unethuba lokuthetha ngqo nommeli wengxowa-mali. Ingxowa-mali izi kuqhube ka nokubandakanya nabo bonke abaqeshi ukuqhube imiboniso yendlela yexesha elizayo. Ingxowa-mali ijolise ekukhuseleni ngemigodi emibini ukuya kwemithathu ngenyanga. Nceda ubuze i-ofisi yakho ye-HR ngemihla yemiboniso yendlela yexesha elizayo.

IMIBONISO YENDLELA YEENZUZO EZINGABANGWANGA

Imiboniso yendlela engabangwanga yaboniswa eLesotho ngoFebhuwari / ngoMatshi 2017. Ukuqhagamshelana ngqo kwakufuneka ukuba kusekwe namalungu okanye nabaxhamli beenzozo ezingabangwanga. Kwi-11209 yamatyala aqatshelwyo i-2372 ewonke asonjululwa ngempumelelo kwaye amatyala engxowa-mali ahlawuliwe.

IINDAWO ZOKUYA KUZO ZE MINWORKERS PROVIDENT FUND

WALK-IN-CENTRES	PHYSICAL ADDRESS	TELEPHONE NUMBER	EMAIL ADDRESS
Carletonville	Office No. 2, Uys Buys Business Park Cnr, Kaolin & Radium Street, Carletonville, 2499	(010) 100-3190/3191	carletonville@mineworkers.co.za
Witbank	Office No. 9, M&B Centre, 16 Mandela Street, Witbank, 1034	(010) 100-3181/3182/3183	witbank@mineworkers.co.za
Welkom	2nd Floor, Metropolitan Building, 16 Mooi Street, Welkom, 9459	(010) 100 3192/3193/3195	welkom@mineworkers.co.za
Johannesburg	45 Commissioner Street, Life Centre Building, Ground Floor, Johannesburg, 2000	(010) 100 3152/3084/3044	jhb@mineworkers.co.za
Orkney	Shop No. 12, Umuzimuhle Shopping Complex, Vaal Reefs No 3, Orkney, 2619	(010) 100 3260.3262	orkney@mineworkers.co.za
Queenstown	Labour Department, 10 Robinson Road, Queenstown	(010) 680-0262/0261	queenstown@mineworkers.co.za
Mthatha	No 49 Leeds & Craiser Street, Metropolitan Place, 1st Floor, Mthatha	(047) 531 2003	mthatha@mineworkers.co.za
Northam	Northam Platinum, Zondereinde Division, Farm Zondereinde, RQ384, Thabazimbi		pertunia@mineworkers.co.za

Disclaimer: The information provided in this newsletter is protected by applicable intellectual property laws and cannot be copied, distributed or modified for commercial purposes. While every effort has been made to ensure that the information contained herein is current, fair and accurate, this cannot be guaranteed. The use of this information by any third party shall be entirely at the third party's discretion and is of a factual nature only. Please note that if the content of the newsletter conflicts with the Rules of the Fund, the Rules shall prevail. MWPF does not accept any liability due to any loss, damages, costs and expenses, which may be sustained or incurred directly or indirectly as a result of any error or omission contained herein.

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO:
Mineworkers Provident Fund Building, 4th Floor,
26 Ameshoff Street Cnr Biccard, Braamfontein



010 100 3000

www.mwpf.co.za